UNDLUNKULU:

UMnxeba: (012) 341 963
Ifeksi: (012) 341 5938
I-imeyile: communication@pansalb.org

IDilesi yerPosi:
5 th floor, Provisus Building, 523 Stanza Bopape Street,
ARCADIA, 0007

IDilesi yerPosi:
Private Bag X08, ARCADIA, 0007

I-OFISI YEPHONDO

MPUMA KOLONI
Umnxeba: 043 721 3357 **Fekisi:** 043 721 1966

FREYISTATA
Umnxeba: 051 448 2308/2300 **Fekisi:** 051 448 3189

GAUTENG
Umnxeba: 012 361 7117 **Fekisi:** 012 361 6116

KWAZULU-NATAL
Umnxeba: 031 304 5621/5631 **Fekisi:** 031 304 5634

LIMPOPO
Umnxeba: 015 291 5888/5898 **Fekisi:** 015 291 5898

MPUMALANGA
Umnxeba: 013 656 0307 **Fekisi:** 013 656 0361

MNTLA KOLONI
Umnxeba: 053 8320037/ 2293 **Fekisi:** 053 832 1280

MNTLA NTSHONA
Umnxeba: 018 384 0120/0123 **Fekisi:** 018 384 0122

NTSHONA KOLONI
Umnxeba: 021 421 8506 **Fekisi:** 021 425 2399

@PanSALB @PanSALB pansalb_za

PanSALB
PAN SOUTH AFRICAN LANGUAGE BOARD

IBrosha
yoLwazi

isiXhosa

"Isizwe esinye lilwimi ezininzi"

Yintoni iPanSALB?

IBhodi yeeLwimi yoMzantsi Afrika (PanSALB) liqumrhu likarhulumente elizimeleyo elimiswe ngoMgaqosiseko nomthetho ngonyaka 1995. Onke amanye amaqumrhu karhulumente amiselwe ukuba asebenzisane nePanSALB, angayiphazamisi kumsebenzi wayo. IBhodi yokuqala yamiselwa ngonyaka 1997.

Yintoni umsebenzi wayo?

IPanSALB ikhokela ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi eMzantsi Afrika ngokwenza le misebenzi ilandelayo:

- Yenza iziphakamiso ngokusingise kuwo nawuphi na umthetho, umsebenzi, okanye umgaqonkqubo onento yokwenza nemiba yeelwimi kulo naliphi na inqanaba likarhulumente.
- Yenza iziphakamiso kumaqumrhu karhulumente kuwo onke amanqanaba ngokumiselwa kwemigqaliselo ekhuthaza ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi.
- Ikhuthaza ukwazisa banzi ngokusetyenziswa kweelwimi ezininzi njengobutyebi besizwe.
- Ikhuthaza ukuphuhliswa kweelwimi ezazifudula zisingelwa phantsi.
- Yenza uphicotho nophando ukukhuthaza nokuda la imo efanele ukuphuhliswa nokusetyenziswa kweelwimi ezisemthethweni zoMzantsi Afrika, iiLwimi zesiQhakancu kwakunye noLwimi lweMiqondiso loMzantsi Afrika.
- Ikhuthaza ze iqinisekise ukuhlonitshwa kweelwimi zonke ezisetyenziswa luluntu eMzantsi Afrika.
- Inika iingcebiso ngokuququzelelwa kwemi gaqonkqubo yeelwimi eMzantsi Afrika ze iququzelele intsebenziswano neearhente zemigaqonkqubo yeelwimi ngaphandle eMzantsi Afrika.
- Isungula iikomiti zeelwimi zamaphondo neebhodi zeelwimi zesizwe ukuba zicebise nangowuphi na umba weelwimi ochaphazela iphondo okanye ulwimi olo ngokukhethekileyo.
- Isungula amaziko ochazomagama ukuba asebenze njengeenkampani zeCandelo 21 ze iwabele imali yokufezekisa umsebenzi wawo.

Izimisele ekwenzeni umsebenzi wayo ngokungena dyudyu, umkhethe okanye idolo.

Ikho ngabuni?

Ngenxa yembali yelizwe nokwahlukahluka kweelwimi neenkcubeko kwesi sizwe sineentlanga ezahlukileyo, umthetho ufunise ukuba kusungulwe iPanSALB ukuze ikhusele amalungelo abantu kwiilwimi nokukhuthaza uphuhliso lwazo.

Ithintela ukucinezelana kweelwimi ngokudala imo yokuphuhliswa nokusetyenziswa kwazo zonke iilwimi ezisemthethweni ngokulinganayo.

Izimisele ukuqinisekisa ukuba ummi woMzantsi Afrika ngamnye abenako ukusebenzisa ulwimi alukhethileyo, ze ikhuthaze ukusetyenziswa kolwimi lwebele, ingakumbi kwimfundo esisiseko.

Inyanzelisa ukuhlonitshwa nokukhuthazwa kokusetynziswa kwezinye iilwimi ezingezo zemveli kweli lizwe.

Ikhuthaza ukusetyenziswa ngendlela ephucukileyo iilwimi zeli lizwe ukuze abemi boMzantsi Afrika bakhululeke kuwo onke amakhamandela ocalulo olungena bulungisa ngokweelwimi, ingcinezo nokuchithwachithwa.

Isebenzela ukuba wonke ummi woMzantsi Afrika abenako ukusebenzisa ilungelo lokukhetha ulwimi olumkholayo kwintlalo yakhe.

Umbono, injongo, neempawu zentsulungeko

Umbono, injongo, neempawu zentsulungeko zithathwa kuMgaqosiseko woMzantsi Afrika, kwiCandelo 6(5).

Umbono

Kukuba ngumkhuthazi, umququzeleli, nomlungiseleli wokusetyenziswa kweelwimi ezininzi nokulingana kweelwimi namalungelo eMzantsi Afrika.

Inkcaza yenjongo

Ukufeza umbono wePanSALB, injongo:

- kukukhuthaza ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi;
- kukukhuthaza ukuhlonitshwa nokuthathela ingqalelo zonke iilwimi, kubandakanya nezazifudula zisingelwa phantsi;
- kukuphuhlisa zonke iilwimi zoMzantsi Afrika kubandakanya nezo zisetyenziselwa izizathu zenkolo nezinye izizathu;
- kukumela amalungelo aphathelele kwiilwimi nezinga leelwimi; kwakunye
- nokusungula, ukulungiselela, nokwenza uphando ngokoxanduva lwePanSALB.

Iimpawu zentsulungeko

IPanSALB inezi mpawu zentsulungeko zilandelayo:

- Intlonipho
- Ukulingana
- Umgangatho
- Uxanduva
- Ufikeleleko
- Ukwazi umsebenzi